

IPAKEJI YOKUXHASA AMAFAMA ASAKHASAYO



**WATER
RESEARCH
COMMISSION**

SP 141/20



IPAKEJI YOKUXHASA AMAFAMA ASAKHASAYO



BREED-GOURITZ
CATCHMENT MANAGEMENT AGENCY

ABANIKELAYO

ISebe Lezamanzi Nogutyulo Lwelindle

I-Breede-Gouritz Catchment Management Agency

ISebe Lezamanzi Nogutyulo Lwelindle: I-Berg-Olifants Proto CMA

ISebe lezeMpilo eNtshona Kapa

ISebe Lophuhliso Lwamaphandle Nokuphuculwa koMhlaba

I-African Farmers Association of South Africa

SP no. 141/20

ISBN 978-0-6392-0217-4

Novemba 2020



Ipakeji yokuxhasa abalimi yinxalenye yeprojekti yophando yeCape Peninsula University of Technology enomxholo othi Approaches for Emerging Farmer Participation in Water Resource Management: The case of the Breede-Gouritz Catchment Management Agency (BGCMA), Western Cape. Le projekti yaxhaswa ngezimali yiKomishoni yoPhando ngezaManzi (Project No.K5/ 2310). Private Bag X03, Gezina, 0031, South Africa.

Iziqulatho

1.	UMTHETHO WELIZWE WAMANZI, 1998 (UMTHETHO 36 KA-1998): UVIMBA WOKUNCEDISA NGEZIMALI AMAFAMA ANGATHATHI NTWENI.....	5
1.1	Intshayelelo	5
1.2	Ingcaciso Yomfama Ongathathi Ntweni	5
1.3	Iziseko Zomthetho noMgaqo-nkqubo	5
1.3.1	Ushwankathelo loMgaqo-nkqubo	6
1.3.2	Isiseko	7
1.4	Ngubani ofanelekela inkxaso-mali?.....	7
1.5	Yintoni ehlawulelwayo kwiNkxaso-mali ye-DWS?.....	7
1.6	Ngaba umntu angafaka isicelo senkxaso-mali ye-DWS ukuba elinye isebe likarhulumente sele linikele inkxaso-mali?.....	9
1.7	Umntu unokufumana imali engakanani kwinkxaso-mali ye-DWS yaye yabiwa njani?.....	9
1.8	Ngaba isiqinisekiso sesicelo sokuxhaswa ngemali ngokuzenzekelayo sithetha ukuba uza kuxhaswa ngemali?	9
1.9	Yintoni i-CCAW yaye i-CCAW inaliphi igalelo kwisicelo?	9
1.10	Indlela yokufaka isicelo	10
1.11	INKCAZELO EYONGEZELELEKILEYO	
	ESHWANKATHELWEYO ENGEEMFUNKO	
	ZOMTHETHO ZABAXHAMLI NABO BACEBA	
	UKUNCEDA ABAXHAMLI.....	11
1.11.1	Umsebenzi wamanzi njengoko uchazwe kwicandelo 21 loMthetho	11
1.11.2	Umsebenzi wamanzi ovumelekileyo njengoko uchazwe kwicandelo 22 loMthetho	12
1.11.5	UKUSETYENZISWA KWAMANZI OKUNGEKHO	
	MTHETHWENI:.....	15
2.	UKUQINISEKISWA NOKUHLOLWA KOKUSETYENZISWA KWAMANZI EBREDE-GOURITZ WATER MANAGEMENT AREA	16
2.1	Amanzi Angaphantsi Komhlaba	18
3.	ISEBE LEZOLIMO LEMPUMA KAPA: INKQUBO YOKUXHASA NOKUPHUHLISA AMAFAMA.....	21
3.1	Mayela.....	21
3.2	Injongo yenkqubo ye-FSD yile:.....	22
3.2.1	Ukuyilwa nokuPhuhliswa kweFama	22
3.2.2	IiNkonzo zoKwandisa nezeeNgcabiso.....	23
3.2.3	Ukhuseleko Lokutya	24
3.2.4	I-Casidra	25
3.2.5	Iinkcukacha zoqhagamshelo zeeofisi zengingqi:.....	27

4.	ISEBE LOPHUHLISO LWAMAPHANDLE NOKUPHUCULWA	
	KOMHLABA	28
5.	OOMASIPALA	34
5.1	Uthumo	34
5.2	Umthetho Nenkazelo Eqhelekileyo	34
5.3	Iinkqubo	34
6.	I-AFRICAN FARMERS ASSOCIATION OF SOUTH AFRICA	
	(AFASA)	36
6.1	Imbali	36
6.2	Iinjongo	37
6.3	Amaxabiso	37
6.4	Iinkcukacha Zoqhagamshelwano	37

1. UMTHETHO WELIZWE WAMANZI, 1998 (UMTHETHO 36 KA-1998): UVIMBA WOKUNCEDISA NGEZIMALI AMAFAMA ANGATHATHI NTWENI

1.1 Intshayelelo

ISebe lezaManzi Nogutyulo Lwelindle (DWS) kunye neBreede-Gouritz Catchment Management Agency (BGCMA) liyaqonda ukuba amafama angathathi ntweni, amakhaya angathathi ntweni asemaphandleni namakhaya angathathi ntweni asezidolophini akanamali yaneleyo yokuxhasa uphuhliso lokunkcenkceshela namanye amaphulo okulondondoza ukutya emakhaya. Iimarike zezimali zibagqala njengeeklayenti eziyingozi enkulu yokuzixhasa ngeziseko zophuhliso.

UMthetho weLizwe waManzi we-1998 (uMthetho 36 ka-1998) (emva koko ekubhekiselwa kuwo “njengoMthetho” okanye “i-NWA”) unokulingana nokuqhubeka njengemigaqo ephambili yokukhusela, ukusebenzisa, ukuphuhlisa, okulondoloza, ukulawula, nokugcina oovimba bamanzi. Ngenxa yoko kuyimfuneko ukuqwalasela imfuneko yokukhuthaza uphuhliso lwentlalo noqoqosho ngokusetyenziswa kwamanzi ngendlela elinganayo, nokunikela iindlela ezahlukeneyo zoncedo, eziya kukhuthaza ezi njongo ngokwaneliseka nokulondolozwa kwamaziko awahlukeneyo okulawulwa kwamanzi (WMLs).

I-Breede-Gouritz CMA isekwe ngokuvumelana ne-NWA. I-NWA ithi ***“injongo yokuseka la maziko kukudlulisela ulawulo lwemithombo yamanzi kummandla okanye indawo aqokelelwa kuyo nokubandakanya abahlali, kwisicwangciso secebo lokugcina amanzi esizwe esisekwe ngokuvumelana neSahluko 2 salo Mthetho uchaziweyo. Ngoxa olona sukelo luphambili ikukuseka amaziko okulawula ukuqokelelwa kwamanzi kuyo yonke imimandla elawula amanzi, uMphathiswa (esebenzisa i-DWS) usebenza njengeziko lolawulo lokuqokelela amanzi apho lingekasekwa.”***

1.2 Ingcaciso Yomfama Ongathathi Ntweni

AmaFama aNgathathi Ntweni [Resource Poor Farmers (RPF)] inkcaza ngawo ikho kwiMiqathango yokuXhasa ngeziMali amaFama Angathathi Ntweni, i-GNR.1036 ye-31 Oktobha 2007: Imiqathango yokuxhaswa ngezimali kwamafama angathathi ntweni (uSomqulu kaRhulumente No. 30427), ethi, “umfama ongathathi ntweni” ubhekisela kumfama ofanelekela inkxaso yezimali ngokuvumelana nomqathango 3 (1);

Umqathango 3(1) uthi, Kuxhomekeka kwicandelo 61 (3) nelesi-(4) lalo Mthetho, umfama, ngenjongo yophuhliso lokusetyenziswa kwamanzi olimo, uyakufanelekela ukuxhaswa ngezimali njengoko kuchazwe kwicandelo 61 (1) lalo Mthetho ukuba umfama—

- (a) ungummi waseMzantsi Afrika;
- (b) uzalwa phakathi kwabantu ababengaxhamli kumathuba akhoyo ngaphambili; yaye
- (c) unawo—(i) umhlaba wokulima okanye unokufikelela kumhlaba wezolimo;
 - (ii) unogunyaziso lokusebenzisa amanzi, ngaphandle kwalapho kufuneka inkxaso-mali yokufumana ilungelo lokuba namanzi; kwaye
 - (iii) uneemfuno zophuhliso lokusetyenziswa kwamanzi ezolimo yaye akakwazi ukuqokelela imali yaloo njongo.

1.3 Iziseko Zomthetho noMgaqo-nkqubo

Amalungiselelo eninxaso-mali ye-DWS achazwe kwicandelo 61 nelama-62 loMthetho weSizwe Wamanzi, ka-1998 (uMthetho 36 ka-1998 [uMthetho]).

“Ukuncedwa ngezimali nguMphathiswa

61.(1) *UMphathiswa unokuthi, ngokusekelwe kumqathango owenziwe ngaphantsi kwecandelo 62, anikele inkxaso yemali kuye nabani na ngenjongo yalo Mthetho, kuquka ukumncedisa ekwenzeni izicelo zokwenza izicelo zelayisensi, axhase ngezibonelelo mali, imali-mboleko okanye iisabsidi, zinto ezo ezinokwenziwa ngokuxhomekeka kwiimeko ezinokubonwa nguMphathiswa.*

(2) *Uncedo lwezimali lumele luvele kwimali -*

(a) *eyabiwe yiPalamente; okanye*

(b) *enokuthi ngaphantsi kwalo Mthetho okanye ngenye indlela ngokusemthethweni isetyenziselwe le njongo ichaziweyo.*

(3) *Ngaphambi kokunikela nayiphi na inkxaso yemali, uMphathiswa umele ajonge yonke imiba ebandakanyekileyo, eku -*

(a) *imfuneko yokulingana;*

(b) *imfuneko yokungabi nazimfihlo;*

(c) *imfuneko yokulungisa iziphumo zocalucalulo lobuhlanga nolwesini lwexa elidluleyo;*

(d) *injongo yenkxaso mali;*

(e) *imo yemali yalowo uxhaswayo; kunye*

(f) *nemfuneko yokukhuselwa kovimba wamanzi.*

(4) *Umntu othi ngabom angayithobeli nayiphi na imiqathango eyalelwa ngulo Mthetho akakufanelekelo ukuxhaswa ngezimali phantsi kwalo Mthetho.*

Imiqathango engenkxaso-mali

62. *UMphathiswa unokwenza imiqathango ephathelele -*

(a) *ukufanelekela inkxaso-mali;*

(b) *indlela inkxaso-mali emele icelwe ngayo; kwakunye*

(c) *nemimiselo nemiqathango esebenza nakweyiphi na inkxaso-mali enikelwayo.”*

1.3.1 Ushwankathelo loMgaqo-nkqubo

linjongo nemigaqo jikelele

Isiseko somgaqo-nkqubo wenkxaso-mali ye-RPF senzelve ukukhuthaza ufikelelo lokuqala kulimo olunokuncenkceshela, ukukhuthaza uphuhliso lokuncenkceshela ukwenzela amafama angathathi ntweni nokuphucula ukufumana ukutya kweentsapho ezingathathi ntweni ngokubanika izibonelelo mali neesabsidi ezahlukeneyo.

Imimiselo neMiqathango eqhelekileyo

Inkxaso-mali enikelwa phantsi kwecandelo 61 loMthetho ngenjongo zophuhliso lokusetyenziswa kwamanzi olimo ixhomekeke kule mimiselo nemiqathango ilandelayo:

- Inkxaso-mali inokunikelwa ize isetyenziswe kuphela kwizinto zokuqinisekisa ukuba amanzi ayakhuselwa, ayasetyenziswa, ayaphuhliswa, ayalondolozwa, alawulwe, ngokuqhubekayo nangokulinganayo;
- Inkxaso mali imele isetyenziswe ngokungqongqo ngokuvumelana nesiphakamiso seprojekti okanye isicwangciso seshishini esafakwa nesicelo senkxaso-mali yaye imele igubungele isabelo somfama seendleko zokuphuhliswa kokusetyenziswa kwamanzi olimo, nto leyo ebikhutshelwe yona imali;
- Nayiphi na intlawulo eyenziwa ngenxa yenkxaso mali ixhomekeke kubukho bemali kwibhajethi ye-DWS ebekelwe le njongo, nokuhambisana kwezinto ezisele zenziwe neenkukacha njengoko zibonisiwe kwisiphakamiso seprojekti esigunyaziswe yi-DWS;
- Imiqathango yokubuyiswa kwemali inokubekwa nguMphathiswa ukunyanzelisa isivumelwano ekungenwe kuso ne-DWS ngokuphathelele ukunikelwa kwenkxaso

mali, nokuthintela nakuphi na ukungenziwa okanye ukungathotyelwa kwemiqathango esekelwe kuyo inkxaso-mali; nokuba

- Inkxaso-mali inokurhoxiswa ngu-DWS xa kuye akwalandelwa isiphakamiso seprojekti okanye isicwangciso seshishini esifakwe nesicelo senkxaso mali, nokubeth' ecaleni kuwo nawuphi na ummiselo okanye umqathango obekusekelwe kuwo ukukhutshwa kwenkxaso-mali.

1.3.2 Isiseko

Esi siseko somgaqo-nkqubo senzelwe ukukhuthaza ufikelelo lokuqala kulimo olunonkcenkceshelo nokuphucula uphuhliso lonkcenkceshelo oluqhubekayo kumafama angathathi ntweni ngokuwavulela iindidi ezahlukeneyo zezibonelelo ngemali okanye iisabsidi, ngokuvumelana neCandelo 61 nelama-62 loMthetho weLizwe waManzi, ka-1998, njengale:

- Izikimu zaManzi zikaRhulumente (GWS); okanye
- Ii-GWS kwiindawo ezazingamaphandle; okanye
- Izikimu zemibutho yabasebenzisi bamanzi (WUA); okanye
- Izikimu zamanye amaziko agunyaziweyo nasemthethweni

Izicelo zezi zibonelelo okanye iisabsidi zifanele zithunyelwe kwiiKomiti Ezilawula Amanzi Olimo (CCAWs) zephondo yaye xa zinconyelwe lelo qumrhu, iiOfisi zeNgingqi ezifanelekileyo ziya kunikela yonke inkcazelo namaxwebhu ayimfuneko kwiOfisi eyiNtloko, eyimfuneko ukuze kulungiselelwe isicelo sesibonelelo okanye isabsidi eza kufakwa kuMphathiswa.

Le ndima idlalwa ziiOfisi zeNgingqi, iya kuthi ekugqibeleni ithathwe zii-CMAs ezifanelekileyo, xa zisekiwe. Abaphathi: I-WR Finance and Pricing inika iiOfisi zeNgingqi uluhlu lwezinto ezifunekayo ukuze iqwalasele izicelo. Izikhokelo ezibanzi ngokwamanqanaba acacileyo zichazwe kuzo zonke ii-CCAW, ukuze kuqinisekiswa ukuba umfaki-sicelo ngamnye ophakanyisiweyo unokucetyiswa ngendlela echanileyo ngeenkqubo neendlela ezisemagqabini, nokuqinisekisa ukwenza ifane kwenkqubo eya kulandela.

Abaxhamli baya kufanelekela nganye kwezi mveliso zintlanu kube kanye kuphela ngenjongo ethile. Oko kuthetha ukuba umsebenzisi ofanayo akasayi kufanelekela isibonelelo okanye isabsidi ngenjongo efanayo, okanye omnye umsebenzisi akasayi kufanelekela isibonelelo okanye isabsidi ngenjongo efanayo, ukuba omnye umntu sele efumene inkxaso yenjongo ethile ekhethekileyo.

1.4 Ngubani ofanelekela inkxaso-mali?

Amafama angathathi ntweni angabemi boMzantsi Afrika nabagqalwa njengabantu ababengaxhamli kumathuba angaphambili nabangamalungu oMbutho waBasebenzisi baManzi okanye naliphi iZiko eliseMthethweni eligunyaziswe yi-DWS. Ukuze bafaneleke kukwafuneka babe nomhlaba okanye bafikelele umhlaba, babe nogunyaziso lokusebenzisa amanzi okulima yaye bamele babe neemfuno zokuphuhlisa ukusetyenziswa kwamanzi okulima yaye babe neminyaka eli-18 ubudala okanye ngaphezulu.

1.5 Yintoni ehlawulelwayo kwiNkxaso-mali ye-DWS?

Kuhlawulelwa iipakeji ezintlanu yaye zezi:

a) **Isibonelelo kwiindleko zeZiseko Zophuhliso zokuHanjiswa kwaManzi Amaninzi:**

- ukuze kwakhiwe yaye/okanye kuhlaziywe iMijelo, imibhobho eyintloko, izitishi eziyintloko zokumpompa amanzi, amadama anamanzi asezantsi, amadama anguvimba kawonkewonke, neendawo asuka kuzo;

b) **Isabsidi Yokusebenza Nokulungisa kwiinkonzo zamanzi, Ukulawulwa kooVimba Bamanzi Neendleko Zokuhla Kwawo,** ezikhutshwa kwisithuba seminyaka emithandathu, ihliswe nge-20% ngonyaka (ngaphandle kweendleko zokuhla) ukuze kuxhaswe amafama angathathi ntweni akwazi ukufikelela:

- ISkimu Samanzi sikaRhulumente (GWS) esilawulwa yi-DWS;
- I-GWS eqhutywa ize ilungiswe yi-WUA okanye amanye amaziko agunyaziweyo asemthethweni; kunye
- Nezinye i-WUA okanye amaziko agunyaziweyo asemthethweni.

Itheyibhuli 1: Inkqubo yenkxaso-mali eyekisiweyo

Unyaka	I-WRM	I-O&M	Ukuhla
0	100%	100%	100%
1	80%	80%	100%
2	60%	60%	100%
3	40%	40%	100%
4	20%	20%	100%
5	0%	0%	100%
6	0%	0%	0%

c) **Isibonelelo sophononongo lokulungisa ukufaneleka ngokwezokuhlala noqoqosho nophando lokuphuhlisa ukusetyenziselwa amanzi iinjongo zolimo;**

- linkonzo zokuququzelela, uhlolo lweemfuno zabantu, ukuceba nokuyila kwezobunjineli, kuquka uphononongo lokufaneleka ngokwezentlalo noqoqosho;
- Uhlolo lobukho bamanzi bexesha elide, iziseko zophuhliso ezikhoyo, iindlela ezahlukeneyo ezikhoyo namathemba ophuhliso okuphuhliswa kokusetyenziswa kwamanzi olimo;
- lindleko zezinto zokusebenza, izixhobo nokwakhiwa kwemijelo yokuhambisa amanzi amaninzi okanye ukuhlaziywa kweziseko ezikhoyo zophuhliso;
- lindlela zokulondolozwa nokulawulwa kokusetyenziswa kwamanzi olimo;
- Ukulungisa iimfuneko zomthetho nezolawulo zokuphuhlisa okanye ukuhlaziywa kweziseko zophuhliso zokusetyenziswa kwamanzi ezolimo.

d) **Inkxaso-mali yokuqeqeshwa kweeKomiti zoLawulo ze-WUA okanye amanye amaziko agunyaziweyo asemthethweni ajongene:**

- Nolawulo lokusasazwa ngokutyiblikayo kwamanzi nokusetyenziswa kwamanzi olimo;
- Inkqubo zokusetyenziswa nokulondolozwa kwamanzi, ubugcisa nezinto ezenziwayo;
- Ulawulo lwezimali, uphuhliso lwesicwangciso seshishini, ukubhajetha neenkalo zomthetho; kunye
- Neendlela zokuqinisekisa ukulondolozwa kweskimu.

e) **Isibonelelo Sokuqokelelwa Kwamanzi Emvula:**

- ukwenzela ukuveliswa kokutya kweentsapho nezinye iinjongo zokuvelisa.

1.6 Ngaba umntu angafaka isicelo senkxaso mali ye-DWS ukuba elinye isebe likarhulumente sele linikele inkxaso-mali?

Ewe, inkxaso mali ye-DWS kumafama angathathi ntweni incedisa ezinye iinkqubo zenkxaso zikaRhulumente. Abo baye bazuza iisabsidi nezibonelelo ze-DWS ngaphambili bakwafanelekela ukufaka izicelo; kuya kunikwa kuqala ithuba abafakizicelo abaqalayo. Ii-Ofisi zeNgingqi ze-DWS zifanele zihlole enoba umfaki-sicelo ukhe wafumana inkxaso-mali kwi-DWS ngaphambili.

1.7 Umntu unokufumana imali engakanani kwinkxaso-mali ye-DWS yaye yabiwa njani?

Kukho indlela esetyenziswayo yokubona enoba amafama anokufanelekela imali engakanani yemveliso nganye abafaka isicelo sayo. Iindlela ezahlukeneyo zokubala nazi:

- Inani lehektare zizonke ezicwangciselwe ukunkcenkceshelwa
- Inani lehektare ezicwangciselwe ukunkcenkceshelwa zomfama ongathathi ntweni ofaka isicelo,
- Inani lamafama angathathi ntweni afaka isicelo, kunye
- Neendleko zizonke zeprojekti.

Isixa sesibonelelo okanye isabsidi iya kujongwa ngokwendlela eyahlukileyo yokubala eyabelwe imveliso nganye.

1.8 Ngaba isiqinisekiso sesicelo sokuxhaswa ngemali ngokuzenzekelayo sithetha ukuba uza kuxhaswa ngemali?

Hayi, oku kuthetha ukuba umfaki-sicelo uyafaneleka yaye isicelo sakhe siza kuqwalaselwa ukuba angaxhaswa na ngemali nokuba isiphakamiso esineenkukacha siya kuyilwa size sithiwe thaca phambi kweKomiti Elawula Amanzi Olimo (CCAW) ukuhlola ukufaneleka kwale projekthi. Isigqibo sokuxhasa ngemali iprojekthi yakho senziwa yi-DWS ngokusekelwe kuncomelo lwe-CCAW nangokuxhomekeke kubukho bemali.

1.9 Yintoni i-CCAW yaye i-CCAW inaliphi igalelo kwisicelo?

I-CCAW yiKomiti Elawula Amanzi Olimo; eli ligqugula loorhulumente anguvimba wokushukuxa umba wamanzi olimo nemiba yophuhliso. I-CCAW inikela izicwangciso zobugcisa nokuququzelela okucwangcisiweyo phakathi kwamaSebe awahlukeneyo kuqwalaselwa ngokumandla ukusetyenziswa kwamanzi olimo nothatho-nxaxheba olumandla ngabadlala indima eyiyo namacandelo awahlukeneyo.


I-CCAW yasekwa ngokuvumelana neMiyalelo Yelizwe Yolawulo Oludibeneyo lokuSetyenziswa kwaManzi Olimo eyagunyaziswa yi-MINMEC yoLimo ngomhla we-30 ka-Oktobha 2003. Amasebe eSizwe nawamaPhondo ezolimo athunywa ukuba akhokele ekudibaniseni amaphulo kwicandelo lokusetyenziswa kwamanzi olimo esebenzisa eli gqugula. Kuqikelelwa ukuba iphondo ngalinye linalo eli gqugula phantsi kolawulo lweSebe leZolimo lePhondo elifanelekileyo.

Ngokwendlela ebunjwe ngayo, i-CCAW iyisingatha kakuhle imiba yophuhliso lokulondolozwa kokunkcenkceshelwa, isebenza njengekomiti yeengcebiso kwi-DWS ngenxa yoko incomela iiprojekthi ezinemithetho yenkxaso mali ye-DWS. Noko ke kubalulekile ukuphawula ukuba, ukugunyaziswa kweeprojekthi kuseyimbopheleleko ye-DWS.

1.10 Indlela yokufaka isicelo

Izicelo zinokufakwa ngokuzalisa iifomu zesicelo ezinokudawnlowudwa kwiwebhsayithi esemthethweni yeSebe (www.dws.gov.za) okanye ngokuqhagamshelana nala magosa alandelayo ajongene ngokuthe ngqo nenkxaso mali yee-RPF nokucwangcisa iintlanganiso zangaphambi kokufaka izicelo kwi-ofisi yeNgingqi yaseBellville:

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO: UNCEDO LOKUXHASA AMAFAMA ASAKHASAYO



1.11 INKCAZELO EYONGEZELELEKILEYO ESHWANKATHELWEYO ENGEEMFUNKEKO ZOMTHETHO ZABAXHAMLI NABO BACEBA UKUNCEDA ABAXHAMLI

UMthetho weLizwe Wamanzi, ka-1998 (uMthetho 36 ka-1998) usekelwe kwimigaqo kaRhulumente kaZwelonke yaye ngenxa yoko unembopheleleko negunya elipheleleyo kulawulo loovimba bamanzi, kuquka ukuqokelelwa ngokulinganayo nokusetyenziwa ngokunengenelo kwamanzi ukuze kuncedwe abantu. NgokoMthetho weLizwe umntu anganelungelo lokusebenzisa amanzi ukuba ukusetyenziswa kwawo kuvumelekile phantsi koMthetho weLizwe waManzi.

ISahluko 4 se-NWA sichaza amalungiselelo, iimfuneko neemeko eziqhelekileyo zokusetyenziswa kwamanzi: - ICandelo 21 le-NWA ngokukhethekileyo, lidwelisa yonke “imisebenzi yamanzi” ngoxa iCandelo 22 le-NWA lichaza imisebenzi yamanzi evumelekileyo.

1.11.1 Umsebenzi wamanzi njengoko uchazwe kwicandelo 21 loMthetho

Ukwenzela iinjongo zoMthetho weLizwe Wamanzi, **umsebenzi wamanzi** uquka:

(a) ukuthatha amanzi kuvimba wamanzi;

- (b) ukuwagcina amanzi;
- (c) ukuvalela okanye ukutshintsha indlela yamanzi kumajelo wamanzi;
- (d) ukwenza umsebenzi wokunciphisa ukuhamba kwamanzi ochazwe kwicandelo 36;
- (e) ukwenza umsebenzi olawulwayo ochazwe ngolo hlobo kwicandelo 37(1) okanye ovakaliswe ngaphantsi kwecandelo 38(1);
- (f) ukulahla inkunkuma okanye amanzi anenkunkuma kuvimba wamanzi ngombhobho, umjelo, umbhobho wokuhambisa ilindle, umjelo okhuphela elwandle okanye enye indlela yokuwahambisa;
- (g) ukulahla inkunkuma ngendlela enokubeka engozini uvimba wamanzi;
- (h) ukulahla nangayiphi indlela amanzi anenkunkuma evela okanye ebikhe yafudunyezwa nakowuphi na umzi-mveliso okanye kwinkqubo yokuphehla umbane;
- (i) ukutshintsha umgangatho, iibhanki, ukuhamba, okanye iimpawu kwimijelo yamanzi;
- (j) ukususa, ukulahla okanye ukuchitha amanzi afunyenwe ngaphantsi ukuba kuyimfuneko ngokuqhutywa ngononophelo kwalo msebenzi okanye ukwenzela ukhuseleko lwabantu;
- (k) ukusebenzisa amanzi ngenjongo yokuzihlaziya.

1.11.2 Umsebenzi wamanzi ovumelekileyo njengoko uchazwe kwicandelo 22 loMthetho

ICandelo 22 le- NWA lichaza imisebenzi yamanzi evumelekileyo equka ukuba:

“Umntu unokusebenzisa amanzi kuphela ngokuvumelana neCandelo 22 le-NWA, ka-1998 -

(a) ngaphandle kwelayisensi -

- I. ukuba oko kusetyenziswa kuvumelekile ngaphantsi **kweShedyuli 1** (echazwe ngezantsi);
- II. ukuba oko kusetyenziswa kwamanzi kuvumelekile njengokuqhuba **ukusetyenziswa okukhoyo okusemthethweni** (okuchazwe ngasentla); okanye
- III. Ukuba oko kusetyenziswa kwamanzi kuvumelekile ngokuvisisana **nokuGunyaziswa Okuqhelekileyo** (okuchazwe ngezantsi) ngaphantsi kwecandelo 39;

(b) Ukuba ukusetyenziswa kwamanzi kugunyaziswe **ngeLayisensi Yokusebenzisa Amanzi** (echazwe ngezantsi) ngaphantsi kwalo Mthetho; okanye

(c) Ukuba igunya lakho liye lasasaza linelayisensi ngaphantsi kwecandelo elingaphantsi (3).”

PHAWULA: *Inyathelo lokuqala kwinkqubo yokukhutshwa kwelayisensi yokusetyenziswa kwamanzi kukufunyanwa koMthombo waloo vimba wamanzi.*

Umthombo bubungakanani nomgangatho wamanzi afunekayo ukuze asetiyenziswe ngabantu nakokusingqongileyo.

1.11.3 Ukuchaza ukugunyaziswa okungasentla:

1. Ukusetyenziswa kukaShedyuli 1: Ngokuvumelana noMthetho - umntu ongumnini osemthethweni / onepropati angathatha amanzi ukuze awasebenzise ngendlela esengqiqweni ekhaya, ankcenkceshele igadi encinci (hayi ayilimele ukushishina ngayo) aseze izilwanyana (ngaphandle kwakwiindawo zokuzityebisa) ukuba unofikelelo olusemthethweni kuvimba, ukuba akasetyenziswa ngokugqithiseleyo xa kuthelakiswa nomthamo kavimba kwakunye neemfuno zabanye abasebenzisi bamanzi abasemthethweni. Akukho mfuneko yakufakwa kwesicelo selayisensi
2. Ugunyaziso Oluqhelekileyo [General Authorization (GA)] luvumela nje ukuba abasebenzisi / abo basenokusebenzisa amanzi ukuba benze imisebenzi ethile enxulumene namanzi elinganiselweyo (oko kukuthi ukutsala amanzi kuvimba wamanzi (amanzi angaphantsi komhlaba okanye ngaphezulu (emlanjeni)) okanye indawo yogcino (idama) kwimimandla ethile. Yonke le mimandla iphantsi kwe-GA enokwenziwa ifumaneke okanye umntu unokuyidawnlowuda kwiwebhsayithi ye-DWS (www.dws.gov.za). Kanti phawula ukuba oku kuyasebenza ukuba akasetyenziswa ngokugqithiseleyo xa ethelakiswa nomthamo wovimba wamanzi neemfuno zabanye abasebenzisi abasemthethweni bamanzi.
3. Ukusetyenziswa Okukhoyo Okusemthethweni [Existing Lawful Use (ELU)] – oku kuvumela ukuqhubeka kokusetyenziswa kwamanzi okwakukho ngaphambi kokuba kubekho i-NWA de ibe nokutshintshwa ibe yilayisensi kusetyenziswa indlela yokukhupha ilayisensi esisinyanzelo. Phawula ukuba Ukusetyenziswa Kwamanzi kumele kube semthethweni yaye kumele kube bekusetyenziswa iminyaka emibini ngaphambi kokubhengezwa kwe-NWA.

Phawula: Imfuneko yokuqala esemthethweni abacelwe ukuba abasebenzisi abasemthethweni bamanzi phantsi kwe-NWA, ka-1998 ibikubhalisa ukusebenzisa kwabo amanzi (kwangoku). Ikhwelo lokuba Abasebenzisi Bamanzi Abasemthethweni Abakhoyo Ngoku ukuba babhalise ukusebenzisa kwabo amanzi lahlatywa kuSomqulu kaRhulumente nge-12 Novemba 1999, ngokuvumelana neCandelo 16(1) (c) le-NWA. Abasebenzisi Bamanzi Abasemthethweni Abakhoyo Ngoku bacelwa ukuba babhalise ukusebenzisa kwabo amanzi ngokwendlela okwenzeka ngayo, ngomhla wokubhalisa owawusemthethweni ngokuvumelana ne-NWA ka-1998. ***Abasebenzisi bamanzi bafanele bazi ukuba ukubhaliselwa ukusebenzisa amanzi akulolungelo nokuba ukusetyenziswa kwamanzi okubhalisiweyo kumele kuhlolwe.***

4. Ilayisensi Yokusetyenziswa Kwamanzi: Konke ukusetyenziswa kwamanzi okungangeniyo ngaphantsi kweShedyuli 1 okanye i-GA kumele kugunyaziswe ngeLayisensi Yokusebenzisa Amanzi. Inyathelo lokuqala kwinkqubo yokukhutshwa kwelayisensi kukufunyanwa koMthombo waloo vimba wamanzi. Umthombo bubungakanani nomgangatho wamanzi afunekayo ukuze asetyenziswe ngabantu nakokusingqongileyo.

Phawula: Ilayisensi zikhutshwa ngaphantsi kwe-NWA, yaye zifuna isigunyaziso seSebe laManzi Nogutyulo Lwelindle okanye iZiko loLawulo Lokuqokelela.

Ilayisensi ayisuki ibe sisiqinisekiso sokuba umntu usenokuwafumana, ukuba akhona amanzi, okanye asemgangathweni ngokuvumelana necandelo 31 loMthetho weLizwe waManzi. Kanti ilayisensi inokurhoxiswa ukuba umntu uyasilela ukuthobela nayiphi na imeko okanye ilungelo analo; uyasilela ukuthobela i-NWA okanye uyasilela ukuhlawula intlawulo efunekayo ngokuvumelana neSahluko 5 (se-NWA).

1.11.4 Ukubhaliswa kokusetyenziswa kwamanzi.

Ukubhalisela amanzi kuquka ukunikela ngenkcazelo enokuphendula imibuzo, phakathi kweminye, ephathelele wena, apho asetyenziswa khona amanzi, angakanani amanzi asetyenziswayo, nguwuphi umthombo wamanzi yaye asetyenziselwa ntoni amanzi.

Ukusetyenziswa kwamanzi okumele kubhaliselwe:

- Ukuthatha amanzi kuvimba wamanzi;
- Ukugcinwa kwamanzi;
- Ukuvalela okanye ukutshintsha indlela yamanzi kumjelo wamanzi;
- Ukwenza umsebenzi wokunciphisa ukuhamba kwamanzi (ushishino lwezamahlathi);
- Ukwenza umsebenzi olawulwayo (ukunkcenkceshelwa kwenkunkuma);
- Ukuchitha inkunkuma okanye amanzi anenkunkuma aye kuvimba wamanzi;
- Ukulahla inkunkuma ngendlela enokubeka engozini uvimba wamanzi;
- Ukulahla nangayiphi indlela amanzi anenkunkuma evela okanye ebikhe yafudunyezwa nakowuphi na umzi-mveliso okanye kwinkqubo yokuphehla umbane;
- Ukutshintsha umgangatho, iibhanki, ukuhamba, okanye iimpawu kwimijelo yamanzi;
- Ukususa, ukulahla okanye ukuchitha amanzi afunyanwa ngaphantsi komhlaba; kwakunye
- Nokusebenzisa amanzi ngenjongo yokuzihlaziya.

Abasebenzisi bamanzi bacelwa ngowe-1999 ukuya kutsho ngo-2001 ukuba babhalise ukusetyenziswa kwamanzi. Nakuphi na ukubhaliswa kokusetyenziswa kwamanzi emva ko-2001 kuza kuhamba nentlawulo yokubhalisa emva kwexesha, ngaphandle kokuba kukusetyenziswa kwamanzi okusandula ukugunyaziswa ngokuvumelana nelayisensi okanye uGunyaziso Oluqhelekileyo.

Ukusetyenziswa kwamanzi kubhaliswa kwi-WARMS (Water Authorization and Registration Management System). Yinkqubo yeSebe leMicimbi yaManzi Namahlathi langoko (ngoku elibizwa ngokuba yi-DWS). Ukususela ekupheleni kuka-2012 i-Breede-Overberg Catchment Management Agency (BOCMA) yelo xesha (ngoku ebizwa ngokuba yi-BGCMA) inofikelelo kwi-WARMS. Ngoku i-BGCMA iyakwazi ukubhalisa ukusetyenziswa kwamanzi nokukhupha isatifikethi sokubhalisela ukusebenzisa amanzi kumsebenzisi.

Kubalulekile ukuba abasebenzisi ababhalisiweyo baye kwi-DWS okanye i-BGCMA nanini na kukho utshintsho kwiinkcukacha zobhaliso. I-DWS okanye i-BGCMA inokuthi yenze utshintsho oluyimfuneko ekubhalisweni kokusetyenziswa kwamanzi ukuze ibonise inkcazelo eyeyona yakutshanje. Ingakumbi xa kukho **utshintsho kubunini bepropati** i-DWS okanye i-BGCMA zimele zaziswe ngefomu ezalisiweyo (i-DW811). Kukho iimeko apho iipropati, ezibhaliselwe ukusebenzisa amanzi, zithi zithengiswe ngaphandle kokwazisa i-DWS okanye i-BGCMA. Oku ekugqibeleni kuya kuba nemiphumo emalini kumnini propati omtsha. Umntu onokuba ngumnini umele asoloko eqinisekisa ukuba ubhaliso lwamanzi lwepropati lumi kakuhle yaye oko kuyinto afanele ayenze.

Kweli nqanaba, konke ukusetyenziswa kwamanzi, ngaphandle kokusetyenziswa okuphantsi kweShedyuli 1, kumele kubhaliswe.

1.11.5 UKUSETYENZISWA KWAMANZI OKUNGEKHO MTHETHWENI:

Icandelo 151

ICandelo 151(1)(j) le-NWA, ka-1998 liyichaza kakuhle into yokuba akukho mntu unokuthi ngokungekho mthethweni nangenjongo okanye ngokungakhathali enze nasiphi na isenzo okanye angenzi nto leyo enokuba yingozi okanye esenokonakalisa uvimba wamanzi. Ukuba kuye kwafunyaniswa yaye kunokungqinwa ukuba umnini propati osemthethweni / umntu ohlala kuyo akawasebenzisi ngokusemthethweni amanzi; - iSebe lingayiyekisa loo nto yenziwayo ngokukhawuleza. Kumele kuphawulwe ukuba iSebe lingayekisa nabaphi na abasebenzisi bamanzi abasemthethweni abangawongiyo amanzi okanye kufunyaniswe ukuba ukusetyenziswa kwamanzi kuphazamisana noviimba okanye umthombo.

Nayiphi na imibuzo evela kubaxhamli ngokuphathelele iimfuneko ezisemthethweni zokusetyenziswa kwamanzi zinokuthunyelwa kwi-DWS: KwiOfisi yeNgingqi yeNtshona Kapa okanye kwi-BGCMA okanye kwezi:

UMMANDLA	IZIKO	UMQHAGAMSHELWA	IINOMBOLO ZOQHAGAMSHELWANO	IADRESI YE-IMEYILE
Breede-Gouritz WMA	BGCMA	Nkszn Elmarie van Rooyen	(023) 346 8000	erooyen@bgcma.co.za
I-Berg-Olifants WMA	DWS	Mnu Duke Jephtha	(021) 941 6264	jepthad@dws.gov.za
I-Berg-Olifants WMA	DWS	Mnu Derril Daniels	(021) 941 6189	danielsd@dws.gov.za
Breede-Gouritz WMA	BGCMA	Nkszn Elkerine Rossouw	(023) 346 8000	erossouw@bgcma.co.za

2. UKUQINISEKISWA NOKUHLOLWA KOKUSETYENZISWA KWAMANZI KUMMANDLA WOLAWULO-MANZI, I-BREED-GOURITZ WATER MANAGEMENT AREA

limpendulo kweminye imibuzo yakho Yokuqinisekisa Nokuhlola

1. Andikakubhalisi ukusebenzisa kwam amanzi, ndimele ndenze ntoni?

Ungafaka isicelo kwi-Breede-Gouritz Catchment Management Agency (BGCMA), uhlawule intlawulo yokubhalisa emva kwexesha uze uhlawule intlawulo esemva yokusetyenziswa kwamanzi. Khumbula, ukuba ufuna ukusebenzisa amanzi kodwa ungakhange uwasebenzise ngexesha elifanelekileyo, ngoko kufuneka ufake isicelo selayisensi, kungekhona ukubhalisa.

2. Andikhange ndiyifumane ileta yokuqinisekisa, kodwa abanye abamelwane bam bayifumene. Ndimele ndenze ntoni? Ndiza kwazi njani xa isiqinisekiso siza kubizwa kwindawo endihlala kuyo?

Kusenokwenzeka ukuba le leta yathunyelwa kwidilesi engeyiyo. Qhagamshelana ne-ofisi ye-BGCMA uze ubuze enoba ileta iye yathunyelwa kuwe na uze uqinisekise iinkcukacha zoqhagamshelwano. Kanti kunokwenzeka ukuba isizathu kukuba inkqubo yokuqinisekisa ayikaqali kwindawo ohlala kuyo. Ungabuza kwi-ofisi ye-BGCMA ukuba inkqubo yokuqinisekisa iya kuqala nini kwindawo ohlala kuyo.

3. Sele ndisifakile isicelo selayisensi. Ngaba kufuneka kwenziwe isiqinisekiso kum?

Hayi. Ukuqinisekisa kufuneka kuphela kumanzi asetyenziselwa ezoshishino ngaphambi kukaOktobha 1998. Nabani na oqalise ukusebenzisa amanzi emva koko kufuneka afake ilayisensi, ukuba loo layisensi sele ikhutshwe phantsi

koMthetho weLizwe waManzi, akufuneki ufake isicelo sokuqinisekisa. Ukubhalisa kuyazenzekela xa kukhutshwe ilayisensi ezintsha.

4. Ngaba kusafuneka ndifake isicelo selayisensi xa isatifikethi sam sokuqinisekisa sikhutshiwe, sichaza umthamo wamanzi endinokuwusebenzisa ngokusemthethweni kwipropati yam?

Kuya kufuneka ufake isicelo selayisensi xa kuye kwahlatywa ikhwelo lelayisensi phantsi kokwenziwa kwelayisensi okunyanzelekileyo. Ngapha koko kufuneka ufake isicelo selayisensi ukuba ufuna ukwandisa ukusebenzisa kwakho amanzi ngaphezu kokuSetyenziswa Okukhoyo Okusemthethweni (ELU). Kwezinye iimeko ilayisensi inokungavunywa. Kanti ufanele uqinisekise ukuba sesiphi kanye isatifikethi onaso. Isatifikethi sokubhalisa ayisosatifikethi sokuqinisekisa.

5. Ukuba eneneni ndisebenzisa amanzi amancinci kunalawo ndandiwasebenzisa ngexesha lokufaneleka ngenxa yokuba ndiqalise iindlela zokunkcenkceshela ezongayo ngakumbi, ngaba ndiya kunikwa igunya lokusebenzisa lawo mancinci, ngexesha lokuqinisekisa ndize ndiphulukane nalawo apheleleyo bendiwasebenzisa?

Inkqubo yokuqinisekisa iya kufumanisa abasebenzisi bamanzi abasebenzisa amanzi ngokungekho mthethweni. Ukuba uqinisekiso lubonisa ukuba umthamo wamanzi abuwasebenzisa ngexesha lokufaneleka ubusemthethweni, ngoko lo ngumlinganiselo okhoyo wokusebenzisa kwakho amanzi ngokusemthethweni.. Unganciphisa ukusebenzisa kwakho amanzi okubhalisiweyo uhlawule iindleko eziphantsi zokusebenzisa amanzi, okanye wongeze umthamo wakho wokunkcenkceshela ukuze usebenzise umthamo we-ELU ngonyaka. Noko ke umele ukwazi ukubonisa ukuba akudluli kumthamo we-ELU.

6. Ukuba umthamo wamanzi endigunyaziswe ukuba ndiwusebenzise ngokuqinisekisa ungaphantsi kwalawo ndiwubhaliseleyo, ngaba ndiya kubuyekwezwa imali ebendiyihlawula ekubeni ndibhalisela umthamo omkhudlwana?

Hayi. Imbopheleleko yayikumsebenzisi ukuba anikele inkcazelo eyiyo.

7. Ndiye ndakwandisa ukunkcenkceshela kwam. Oku kuya kusichaphazela njani isatifikethi sam sokuqinisekisa?

Nakuphi na ukusetyenziswa kwamanzi okongezelelekileyo, okungaphezu kwalawo ubuwasebenzisa ngexesha lokufaneleka akukho mthethweni. Oku kuthetha ukuba ungandisa indawo oyinkcenkceshelayo kuphela ngokuphucula ukonga amanzi owasebenzisayo.

8. Ukuba ndinelayisensi phantsi koMthetho weLizwe waManzi, ngaba ukusebenzisa kwam amanzi kufuneka kuqinisekiswa nanini na kwixesha elizayo?

Hayi. Ukuqinisekisa kubhekisela kuphela kwi-ELU kungekhona kwabo banelayisensi. Isatifikethi uya kuchaza ukuba sisatifikethi sokubhalisa, isatifikethi sokuqinisekisa okanye ilayisensi.

9. Ukuba ndinequla elingaphantsi komhlaba endilisebenzisela izinto zasekhaya kuphela (endlini nasegadini), ngaba kufuneka ndilibhalise ngaba limele liqinisekise?

Hayi. Ukusetyenziswa kwamanzi endlini kugqalwa njengokusetyenziswa kwamanzi ngokusemthethweni phantsi kweshedyuli 1 yokuSetyenziswa kwaManzi Elizwe. Akuyomfuneko ukuba libhaliswe yaye akunyanzelekanga ukuba liqinisekise.

10. Kuthekani ukuba andivumelani namanani enu okuqinisekisa? Luluphi uhlobo lobungqina obuya kugqalwa yi-BGCMA?

Ungeza nazo naziphi na iingxelo ezibonisa ukuba ubusebenzisa umthamo wamanzi ngexesha lokufaneleka. Oku kungaquka amaxwebhu angqina ukuba kuye kwasetyenziswa umbane apho bekumpontshwa khona amanzi, iimali zokuthengiswa kwesivuno, unokuya nakwiBhunga laManzi.

Qhagamshela 023 346 8000

Elkerine Rossouw – erossouw@bgcma.co.za

Rudzani Makahane - RMakahane@bgcma.co.za

Fabion Smith – fsmith@bgcma.co.za

Carlo Abrahams – cabrahams@bgcma.co.za

2.1 Amanzi Angaphantsi Komhlaba

UMzants Afrika lilizwe elomileyo ngokwentelekiso alinamithombo ingako yamanzi. Oku kubangelwa kukwanda okuqhubekayo kwabantu nto leyo eyenza isetyenziswe kakhulu imithombo yamanzi. Oku kufuna ukuba baphathwe kakuhle oovimba bamanzi. Amanzi ayinto enqabileyo ethathwa lula ngabantu. Amanzi angaphantsi komhlaba angumthombo obalulekileyo wamanzi ongahoywayo yaye/okanye usetyenziswe kakubi. Abantu abaninzi kwiindawo esihlala kuzo abazange beve ngamanzi angaphantsi komhlaba. Ayimangalisi ke loo nto ekubeni engabonakali. Amanzi angaphantsi komhlaba anokugqalwa njengomnye wabona vimba bethu bafihlakeleyo nabaxabisekileyo.

Yintoni amanzi aphantsi komhlaba, avela phi?

Xa imvula isina emhlabeni, amanzi akayeki ukuhamba. Amanye kuwo ayadlula emhlabeni aye kwimijelo okanye amachibi, amanye asetyenziswa zizityalo, amanye aba ngumphunga abuyele kwi-atmosfera, aze amanye angene phantsi komhlaba. La manzi anika izityalo ukufuma ukuze zikhule.

Amanzi angasetyenziswanga zizityalo angena nzulu emhlabeni. La manzi ehla aye ezantsi kwizithuba ezingenanto okanye kwiindawo eziqhekekileyo emhlabeni, esantini okanye ematye de ifike kumaleko wamatye apho amanzi angenakuhamba lula. Athi ke la manzi azalise iindawo ezingenanto neziqhekekileyo ngaphezu kwaloo maleko. Amanzi aphezu komhlaba, isanti, okanye amatye abizwa ngokuba **yitafile yamanzi** yaye amanzi azalisa izithuba ezingenanto neziqhekekileyo abizwa ngokuba **ngamanzi angaphantsi komhlaba**.

Amanzi ehlela ngaphantsi ongeza kulawo sele engaphantsi komhlaba yaye loo nto ibizwa ngokuba **kukutshaja kwakhona**. Amanzi angaphantsi komhlaba atshajwa kwakhona ngamanzi emvula nekhephu elinyibilikileyo okanye ngamanzi avuza

emazantsi amanye amachibi okanye imilambo. Amanzi angaphantsi komhlaba anokutshajwa kwakhona xa iinkqubo zokunikezela ngamanzi (imibhobho, nemijelo) ivuza naxa izityalo zinkcenkceshelwa ngamanzi angaphezu kwalawo zinokuwasebenzisa.

Amanzi angaphantsi komhlaba anokufunyanwa phantse kuyo yonke indawo. Itafile yamanzi inokuba nzulu okanye ingabi nzulu, kuxhomekeka kukuma komhlaba. Iimvula ezinkulu okanye ukunyibilika kwekhephu zinokwandisa ukutshaja kwakhona yaye oko kunokubangela ukuba itafile yamanzi inyuke. Ixesha elide kunganethi linokukunciphisa ukutshaja kwakhona ize loo into ibangele ukuba itafile yamanzi inciphe.

Yintoni i-Aquifer?

Ii-aquifer ngamanzi amaninzi ahleli elityeni nathi amanzi akwazi ukudlula kulo ngokulula. Ii-aquifer zimele zikwazi ukudlula amanzi zize zibe nemingxuma yaye zibe nawo namanye afana nelitye lesanti, indibanisela, ilitye lekalika elaphukileyo nesanti negrable engadibananga. Amanye aqhekekileyo entaba-mlilo njengee-columnar basalts ziba zii-aquifer ezintle kakhulu.

Iindawo zenkunkuma phakathi kwalapho ziwela khona iintaba mlilo ziba nemingxuma yaye ziyakwazi ukungena amanzi yaye ziba zii-aquifer ezintle. Ukuze iqula libe lihle, limele limbiwe libe yi-aquifer. Amanye afana nelitye lenyengane (granite) nelinezingcamba (schist) ngokuqhelekileyo akabi zii-aquifer ezintle ngenxa yokuba azinamingxuma mihle. Noko ke, ukuba la matye aqhekeke kakhulu, enze ii-aquifer ezintle kakhulu. Iqula ngumngxuma ogxojozwe emhlabeni ukuze kufikelelwe kwi-aquifer. Ngokuqhelekileyo la manzi amele ampontshelwe ngaphezulu.

Ukubek' esweni Amanzi Angaphantsi Komhlaba

Amanzi angaphantsi komhlaba kufuneka akhuselwe ngamaxesha onke kungcoliseko olwenziwa ngabantu nakwimisebenzi yemizi-mveliso. Ukuba aye angcoliswa, phantse kuba nzima ukuphinda wenze amaqula angaphantsi komhlaba abuyeke kwimo yawo yemvelo. Ukuze kuqinisekise ukuba oku akwenzeki, abasebenzisi bamanzi angaphantsi komhlaba bamele baqinisekise ukuba baneenkqubo zokubek' esweni zokulinganisa umthamo wamanzi othathwe kumaqula angaphantsi komhlaba aza agcinwa, ngokulinganisa umthamo wamanzi angaphantsi komhlaba athathwe nyanga nganye. Eyona njongo iphambili yokubek' esweni amaqula angaphantsi komhlaba kukuqokelela inkcazelo engokutyhutyha kwamanzi emhlabeni. Umthamo wamanzi akwiqula elingaphantsi komhlaba ulinganiswa ngomkhamo wamanzi njengoko uboniswe *kumfanekiso 1* ongezantsi.

Amaqula abekw' esweni enzelwe ukujonga, ngoxa amaqula emveliso enzelwe imisebenzi yamanzi enjengokuncenkceshela. Kubalulekile ukuba abasebenzisi bamanzi angaphantsi komhlaba baphawule ukuba amaqula abo aphantsi komhlaba afanele abhaliswe kwiSebe leMicimbi yaManzi.



Umfanekiso 1: Ukubek' esweni umlinganiselo waManzi



Umfanekiso 2: Iqula eliphantsi komhlaba

Qhagamshelana neNgcali Yokudibana kwaManzi Aphantsi Komhlaba Nokusingqongileyo -

uJohn Sibanyoni: jsibanyoni@bgcma.co.za

IFoni: 023 346 8031

3. ISEBE LEZOLIMO LEMPUMA KAPA: INKQUBO YOKUXHASA NOKUPHUHLISA AMAFAMA

Ukuthi tshe Inkcazelo

Dr Mogale Sebopetsa

IFoni: 021 808 5103

I-imeyili: MogaleS@elsenburg.com

Ifeksi: 021 808 5251

3.1 Mayela

Igama:

Dr Mogale Sebopetsa

Inombolo yefowuni:

021 808 5103

I-imeyili:

MogaleS@elsenburg.com

Inombolo yefeksi:

021 808 5251



INKqubo yeNkxaso Nophuhliso lwaMafama (FSD) iquka inkqubo yophuhliso olubanzi yeSebe leZolimo, ngenxa yoko uyilo nokuphunyezwa kwayo ubukhulu becala zenzelwe ukuxhasa amafama asakhasayo eNtshona Koloni kodwa ayilikhupheli ecaleni icandelo loshishino. Le nkxaso yeyokuphucula iinkqubo zoPhuhliso loMhlaba ngokukhulisa eli ziko. Ngenxa yokuba kuye kwabonwa imfuneko enkulu yophuhliso lwecandelo lolimo elinokulingana nelivumela ukwahlukana, inxalenye enkulu yebhajethi iya kusetyenziselwa ukwandisa ukuxhamla kwemimandla eyayivalelwe amathuba ngaphambili nabantu abasuka kwiinkqubo zokuPhuhliswa koMhlaba.

3.2 Injongo yenkqubo ye-FSD yile:

Ukuqinisekisa iinkqubo zenkxaso eqhubekayo yamafama amatsha nalawo kudala ekho (kuquka abo baxhamla kuphuhliso lomhlaba).

- Ukulinganisa igalelo longenelelo njengoko lusenziwa yile nkqubo;
- Ukuzama utyalo-mali oluvela kumashishini abucala namaqela orhwebo;
- Ukuqinisekisa umgangatho wenkonzo nokucebisa amafama;
- Ukudibanisa iinkonzo zethu nezo zikamasipala nezamanye amasebe karhulumente nokuqaliswa kweegadi zokutya zabahlali nezamakhaya; kwakunye
- Nokukhuthaza ukuphuhliswa kwezakhono kumafama afanelekayo.

Le nkqubo yakhiwe ngamacandelo amane (4) oLawulo angala:

- Ukuyilwa nokuPhuhliswa kweFama;
- IiNkonzo zoKwandisa nezeeNgcebiso;
- Ukhuseleko Lokutya; kwakunye
- NeCasidra.

Le Nkqubo ibunjwa zii-ofisi zeNgingqi ezisibhozo (8) ezikho kulo lonke eli Phondo ezizezi: I-Cape Metropole, i-Cape Winelands, i-Swartland, i-North West Coast, i-Overberg, i-Klein Karoo, i-Garden Route neCentral Karoo.

3.2.1 Ukuyilwa nokuPhuhliswa kweFama

Ukuthi tshe Inkcazelo

Mnu Douglas Chitepo

IFoni: 021 808 5100

I-imeyili: Douglassc@elsenburg.com

Ifeksi: 021 808 7629



Injongo yeli ziko lolawulo kukukhuthaza, ukulawula nokuxhasa amafama asakhasayo antsundu namafama ashishinayo ngophuhliso oluqhubekayo lwamaphulo okuphuculwa kokulinywa komhlaba kweli Phondo.

Ngaba ubusazi?

Eli ziko lilungiselela ezi nkonzu zilandelayo:

- Ingxelo yokuHlolwa kweeFama ngeeNjongo zoPhuhliso loMhlaba;
- liPlani zeeFama ukulungiselela ukusetyenziswa kwezinto zemvelo; kwakunye
- Nokuxhaswa kwamafama asakhasayo nalawo ashishinayo.

3.2.2 liNkonzo zoKwandisa nezeeNgcebiso

Ukuthi tshe Inkcazelo

Nkszn Carol Levendal

IFoni: (021) 808 5199

I-imeyili: CarolL@elsenburg.com

Ifeksi: (021) 808 7629



Injongo yeli Ziko kukwandisa nokunikela iinkonzo zeengcebiso kumafama.

Eli ziko liye lafaka *i-digital smart pen* ukuncedisa ekubekeni esweni umgangatho weenkonzo ezinikelwa kumafama.

Ngaba ubusazi?

Eli ziko lincedisela ekwenzeni:

- lintsuku zama-fama;
- lintsuku zenkcazelo;
- Iqhube Uhlolo Lwezakhono, kwakunye
- amadinga nabacebisi ukunceda amafama asakhasayo ngokuwachazela ngezinto eziyimfuneko

3.2.3 Ukhuseleko Lokutya

Ukuthi tshe Inkcazelo

Mnu Adriaan Conradie

IFoni: (021) 808 7674

I-imeyili: AdriaanC@elsenburg.com

Ifeksi: (021) 808 7756



Injongo yeli ziko kukuxhasa, ukucebisa nokulawula ukuphunyezwa kwentsika yokuqala ye-Integrated Food Security Strategy of South Africa (IFSS).

Eli ziko linegalelo elithe ngqo ekulweni nokungakhuseleki kokutya ngokuthi linikezele ngeegadi kumakhaya nakubahlali.

Ngaba ubusazi?

- Eli ziko lixhasa ukuveliswa kokutya emakhaya ekuhlaleni lisebenzisa le nkqubo (inkqubo yokuveliswa kokutya ekhaya);
- Lixhasa iigadi zaBahlali nezeSikolo; kwakunye
- Nokuqhuba amaPhulo oKwazisa Abantu ngoKhuseleko Lokutya.

3.2.4 ICasidra

Inombolo yefowunil-imeyilifeksi



Injongo yeli Ziko kukuxhasa iSebe ngokuphunyezwa kolawulo lweefama zikarhulumente.

Ngaba ubusazi?

[I-Casidra](#) ijongene nokuphumeza iprojekti yeSebe lezoLimo lePhondo eNtshona Kapa.

3.2.5 linkcukacha zqhagamshelo zeeofisi zengingqi:

IOfisi yeNgingqi	IGama loQhagamshelo	INo. yeFoni	Idilesi	I-imeyile
Cape Metropole	Phumlani Mentani	021 483 7778	Goulburn Centre, c/o Goulburn & Voortrekker Road, Goodwood, 7460	PhumlaniM@elsenburg.com
Cape Winelands	Dikeledi Kunene	021 808 7050	ABSA Building, 4 th Floor, Plein Street, Stellenbosch, 7600	DikelediK@elsenburg.com
Swartland	Rose Horne	022 433 2330	Land Street 42, Moorreesburg, 7310	RoseH@elsenburg.com
North West Coast	Marius Du Randt	027 213 2000	c/o Matzikama & Noordweg Street, Vredendal, 8160	MariusD@elsenburg.com
Overberg	Hennis Germishuys	028 425 4807	Albert Myberg Hostel, Golf Street, Bredasdorp, 7280	HennisG@elsenburg.com
Klein Karoo	Willem Burger	044 272 6077	Oudtshoorn Research Farm, Old Kammanasie Road, Oudtshoorn, 6620	WillemB@elsenburg.com
Garden Route	Clyde Lamberts	044 803 3709	York Building, 2 nd Floor, York Street, George, 6530	ClydeL@elsenburg.com
Central Karoo	Frederick Mpona	023 414 2126	104 Peter Jacobs Avenue, Beaufort West, 6970	FrederickM@elsenburg.com

Iwebhusaythi

<http://www.elsenburg.com>

4. ISEBE LOPHUHLISO LWAMAPHANDLE NOKUPHUCULWA KOMHLABA

IINKQUBO ZE-DRDLR

Amaziko olawulo	Iinkqubo		Ezona Mfuneko Ziphantsi	Iinkcukacha Zoqhagamshelwano
Ukufunyanwa Komhlaba Uze Uphinde Usasazwe	Inkqubo eseMgangathweni Yokufunyanwa Komhlaba <i>ISebe liphumeza inkqubo yePLAS, apho iSebe lithenga umhlaba lize liwuboleke umntu (abantu) othile ekuya kufuneka angene kwinkqubo yokukhetha abaxhamli. Ukuze kudliwan' indlebe nabo njengababolekwa, abafaki-zicelo kuya kufuneka babe kuvimba weSebe. Nantsi ifomu yesicelo ye-PLAS emele izaliswe ize ifakwe (kunye neziqhotyoshelwa) zize zibe kuvimba wethu.</i>	Ukufumana Nokufumana umhlaba omi kwindawo entle	• Amafama abengabaxhamli ngaphambili • Umntu ongengomsebenzi karhulumente • Umele abe kweli qela lilandelayo: (a) Abaphumelele inzululwazi yezolimo eyunivesithi nasekholejini, (b) Izifundo ezikhethekileyo zeshishini lolimo, kuquka abathathi nxaxheba be-NARYSEC kunye (c) nokufundiswa ukuphatha noshishino iinkqubo zokufunda uphangela, kwakunye (d) nabalimi abasaqeqeshwayo. (e) Abalimi abalungiselela bona: (a) Amafama alimela ukuhlala/ilali, (b) Amafama asebenza nomasipala ingakumbi lawo afuye impahla, kwakunye (c) nabavelisi abalima iigadi emakhaya. • Abanye ekufanele kuqalwe ngabo kwiqela elixhamlayo imele ibe ngamabhinqa nolutsha abanobuchule obusisiseko bokulima okanye ababonisa umdla wokufumana obo bugcisa. • Ingqalelo ekhethekileyo ifanele inikelwe kulutsha olunamava okanye olufundele ulimo. C:\Users\user\Documents\APPLICATION FORMS\PLAS APPLICATION FORM 28 JULY 2016 2nd Draft updated21.pdf Abafaki zicelo bamele bazalise ifomu yesicelo eqhotyoshelweyo Yifake kwiOfisi eseWorcester/ eStellenbosch e-15 Market Street	IGosa leProjekti Lorato Manyetse IManeja yeSithili: Vanessa Frantz IFowuni: 021 887 7448

		Emva kokuba zifakiwe iifomu zezicelo ezi-ofisini, i-ofisi iya kuqinisekisa ukuba abafaki-zicelo bakuvimba Xa iSebe lifumana umhlaba, abafaki-zicelo baya kwaziswa baze bamenywe ukuba kudliwan' indlebe nabo njengabo banokubolekwa ifama leyo ifunyenweyo. Nceda uphawule ukuba abo banokuba ngababolekwa befama zethu ze-PLAS bayaphawulwa kuze kudlanwe indlebe nabo ngokusekelwe kuhlobo lwezinto abafuna ukufama ngazo kudityaniswe nohlobo lweefama ezifunyenwe liSebe. Ngamanye amazwi, ukuba iSebe lifumana ifama yempahla yaye iyadibana nobugcisa bakho, okuthetha ukuthi ukuba ungumfama wemfuyo, uya kubonwa kuvimba ukuba wenza loo nto uze ngenxa yoko ufumane ithuba lodliwano-ndlebe ukuze ubolekwe ifama.	
INKqubo ye-1HH 1HA <i>Kanti iSebe liqhuba inkqubo ye-1HH 1HA ejoliswe ubukhulu becala ekunciphiseni ubuhlwempu yaye apho kunikelwa khona inkxaso kubavelisi abasakhasayo kumgangatho wekhaya. Le nkqubo ibhekisela kumhlaba kaRhulumente neefama zophuhliso lomhlaba.</i>	• Amafama abengaxhamli ngaphambili • Umntu ongengomsebenzi karhulumente 1. IZINGA LOKUFANELEKA Iqela elifanele lixhamle kwinkqubo yokuba iKhaya Elinye lifumane iHektare Enye imele ibe ngabantu ababengaxhamli ngaphambili abangabemi boMzantsi Afrika abachazwa njengama-Afrika, amaNdiya nabeBala. (a) Abahlali basezifama abachazwe ngokuvumelana noMthetho woKwandisa noKhuseleko lomhlaba 62 ka-1997; (b) Amafama/amakhaya alimela ukuhlala/ilali; (c) Amakhaya angabahlali abasebenzayo abachazwe ngokuvumelana noMthetho wokuPhuhliswa koMhlaba nowoMhlali osebenzayo uMthetho 3 ka-1996; (d) Abo benze amabango omhlaba;	Ofhani Netshitakani IFowuni: 023 342 0202	

			(e) Naliphi na ikhaya elihlala kumhlaba kaRhulumente okanye kwimimandla ehlala abantu. (f) Abaxhamli kuPhuhliso loMhlaba abaye bazuza kwinkqubo yokuBuyiswa koMhlaba nabafumana uMhlaba ofunyenwe ngokuvumelana noMthetho 126, obufunyenwe zii-CPI okanye abantu. (g) Abasebenzi bakarhulumente abanakufanelekela ukuzuza kwinkqubo yokuba iKhaya elinye lifumane iHektare Enye ngokuvumelana noMgaqo-nkqubo. Nantsi ifomu yesicelo ye-1HH 1HA emele izaliswe ize ifakwe (kunye neziqhotyoshelwa) zize zibe kuvimba weSebe. C:\Users\user\Documents\APPLICATION FORMS\One HH One H Beneficiary Information Form.pdf	
Amashishini Asemaphandl eni Nophuhliso lweMizi- mveliso	Ukuncitshiswa kobuhlwempu		Ukuncitshiswa kobuhlwempu bamakhaya ngokuvumelana ne-CRDP • Ukulungiselelwa kophando nohlalutyo ngobuhlwempu bamakhaya • Ukukhuthaza ukufakwa kwamakhaya kwiisayithi ze-CRDP neeprojekti zokuphuhliswa komhlaba • Ukukhuthaza ukuhlolwa kwenkqubela yokukhutshwa kwamakhaya kubuhlwempu kwiisayithi ze-CRDP • Ukulawula uvimba wobuhlwempu bamakhaya nenkcazelo ephathelele i-CRDP.	Umalathisi weProjekthi: Mnu L.T George Ifowuni: 0214090300 IGosa leProjekti Nkszn Inge Cook Ifowuni: 021 887 7448 IGosa leProjekti Nkszn Siphesihle Nene

				Ifoni: 021 887 7448 IGosa leProjekti Mnu M Petane Ifoni: 0214090300
	Uphuhliso lwamashishini amancinci nemali yophuhliso		Ukukhuthaza uphuhliso loshishino lwasemaphandleni nokukhuthaza ukuxhaswa ngemali kophuhliso lwamaphandle • Ukulawula ukuxhasa ngemali uphuhliso lwamashishini amancinci • Ukulawula imfundo noqeqesho lwezakhono zamashishini amancinci	Umalathisi weProjekthi: Mnu L.T George Ifowuni: 0214090300 IGosa leProjekti Nkszn Inge Cook Ifowuni: 021 887 7448 IGosa leProjekti Nkszn Siphesihle Nene Ifowuni: 021 887 7448 IGosa leProjekti Mnu M Petane Ifowuni: 0214090300

	Ookopolotyeni abaphambili		Ukukhuthaza ukumiselwa nokuxhaswa kookopolotyeni abaphambili • Ukufumana abantu onokubhekisela kubo • Ukufumanisa abaseki nababhalisi • Ukumisela ulawulo lwangaphakathi lukakopolotyeni, ukuthobela nomgaqo-siseko • Ukukhuthaza ufikelelo kuqeqesho • Ukuxhasa imveliso • Ukunikela inkxaso eqhubekayo kookopolotyeni abaphambili	Umalathisi weProjekthi: Mnu L.T George Ifowuni: 0214090300 IGosa leProjekti Nkszn Inge Cook Ifowuni: 021 887 7448 IGosa leProjekti Nkszn Siphesihle Nene Ifowuni: 021 887 7448 IGosa leProjekti Mnu M Petane Ifowuni: 0214090300
--	------------------------------	--	---	--

	Uphuhliso Lwemizi- mveliso Yasemaphandleni		Ukukhuthaza uphuhliso lwamashishini nemizi-mveliso yasemaphandleni • limveliso zolimo (Agri-Parks) • limarike zasezilalini • Ukuvelisa • Ulwalamano lwamaqela avelisayo • Ukukhuthaza ukufakan' imilomo namaziko engingqi nawesizwe ohlumo lwezozoqosho.	Umalathisi weProjekthi: Mnu L.T George Ifowuni: 0214090300 IGosa leProjekthi Nkszn Inge Cook Ifowuni: 021 887 7448 IGosa leProjekthi Nkszn Siphesihle Nene Ifowuni: 021 887 7448 IGosa leProjekthi Mnu M Petane Ifowuni: 0214090300
--	--	--	---	---

5. OOMASIPALA

5.1 Uthumo

Umasipala uthunywe ukuba ayile aze adale imo evumela ukuba amafama asakhasayo ngokudibene namanye amasebe karhulumente njengeSebe leZolimo neSebe lokuPhuhliswa kwamaPhandle noPhuhliso loMhlaba. Njengebakhuthaza amaphulo amafama asakhasayo ooMasipala bazama ukunikela ingqalelo ekuncitshisweni kwemiqathango, ukuqalisa nokuphumeza imiqathango efanelekileyo neenkqubo zokulawula nokumisela amaqela alungelelanisiweyo ukuba afumane oovimba.

Kulandelwa indlela entlumbini ukunikela ingqalelo ekukhuseleni ukutya kwamakhaya (ukuthintela indlala nokuphucula ukutya) kwelinye icala kuze kwelinye kwenziwe imali (uphuhliso loqoqosho).

Kwinqanaba elilandelayo, umasipala uyimbangi equka, phakathi kwezinye izinto, ukunikelwa komhlaba wabantu/ukukhululwa nokunikelwa kwenkxaso yokwakhiwa kweziseko zophuhliso.

5.2 Umthetho Nenkcazelo Eqhelekileyo

Ngoxa umgaqo-siseko ungabanyanzeli oomasipala ukuba benze uphuhliso lomhlaba, oomasipala banyanzelekile ukuba bathathe inxaxheba kwiinkqubo zesizwe zophuhliso lomhlaba ukufikelela iinjongo zokuphuhlisa oomasipala.

Uphando lubonisa ukuba oomasipala baye bakhetha ukuhlangabezana nombala **womhlaba** kamasipala ngemigaqo-nkqubo ekhoyo yoLawulo lokuNikezelwa kweZinto ngokunxulumene noLawulo lokuKhutshwa kweeAseti. Ngokuphathelele le nkqubo, umthetho ophambili osebenzayo ngulo:

- UMasipala: UMthetho woLawulo lweZimali zikaMasipala (No 56 ka-2003), iCandelo 14 kunye
- noMasipala: UMthetho woLawulo lweZimali zikaMasipala – uLawulo lweeAseti

Iimeko ezibekwe kwitayitile yomhlaba ekuthethwa ngawo kukwamele ziqwalaselwe, njengoko umhlaba wabantu ubusoloko unikezelwa koomasipala ugciniswe ekuhlaleni ziicawa, yaye kunokubakho iimeko ezikhethekileyo ezilapho.

5.3 Iinkqubo

Ulwalathiso Lokugcina Umhlaba kaWonkewonke Ovulekileyo:

Umhlaba Ovulekileyo kaWonkewonke ubhekisela kumhlaba ongaphantsi okanye oya kuba ngaphantsi kobunini bokuhlala, kungabolekiswa ngawo okanye kungazi kubolekiswa ngawo kangangexesha elide, nosetyenziswa okanye oya kusetyenziswa njengomhlaba ovulekileyo okanye ipaki, igadi, ummandla wepikniki, ibala okanye iskwe noquka indawo kawonkewonke.

Ukugcina uMhlaba kaWonkewonke Ovulekileyo liphulo leBhunga lokuvumela abahlali, imizimveliso okanye iinkampani ukuba zigcine umhlaba kawonkewonke ovulekileyo ngaphandle kwentlawulo kumfaki-sicelo. Lowo “uwugcinayo” uya kuba nembopheleleko yokususa kule

ndawo izityalo ezingafunekiyo nenkunkuma aze alungise le ndawo afake izityalo zemvelo kule ndawo okanye abandakanyeke kwiiprojekti zokuziphilisa eziqhubekayo njengokulima iigadi zabahlali okanye ezamakhaya. Lowo uwugcinayo unokubhengeza ukubandakanyeka kwakhe kweli phulo kwisayithi kuxhomekeka kwiimeko ezithile.

Ezona zizathu ziphambili zeli phulo kukukhuthaza abahlali ukuba banyamekele okusiNgqongileoyo bathi:

1. Ukulwa nezityalo ezingafunekiyo nto leyo kwezinye iindawo iye yaba yingozi (njengokudlwengula nokubulala)
2. Ukulwa nokulahlwa kwezinto ngokungekho mthethweni nto leyo enegalelo kuqoqosho lukamasipala nengozi kwimpilo yabahlali.

Phawula ukuba ooMasipala bakwathumela amafama asakhasayo kwamanye amasebe aneenkqubo ezinokwazi ukuba luncedo.

Indlela yokuXhasa ngemali nendlela amafama anokuyifumana ngayo imali

Ayikho imali efumaneka kumasipala. Kuphela sikhuthaza size sithumele amafama asakhasayo kumasebe afana nelezoLimo, iCasidra njl njl.

linkcukacha zoqhagamshelo (ukuba kukho uqhagamshelo oluqhelekileyo eNtshona Kapa) Alukho uqhagamshelo oluqhelekileyo eNtshona Kapa. UMasipala uphatha imiba ngokwahlukileyo.

Phawula: le nkcazelo ingasentla yekawonkewonke yaye akunyanzelekanga ukuba isebenze kubo bonke ooMasipala. Masipala ngamnye uqhubana namaafama asakhasayo ngendlela ekhethekileyo ukuqinisekisa uhambiso lweenkonzo olungenamagingxigingxi. Ukuze ufumane inkcazelo engakumbi ngoncedo lukaMasipala kwiimfuno zakho, khululeka ukuqhagamshelana noMasipala wakho.

6. I-AFRICAN FARMERS ASSOCIATION OF SOUTH AFRICA (AFASA)

6.1 Imbali

I-African Farmers Association of South Africa yasekwa nge-12 ka-Aprili 2011 ngamalungu angama-3 000 avela kuwo olithoba amaphondo oMzantsi Afrika, awayengamalungu abhalisiweyo e-NAFU-SA.

Ukusekwa kwe-AFASA kwaba yincopho yenkqubo yokufakan' imilomo okwathatha unyaka namafama asakhasayo elizweni lonke ukufumanisa imfuno yawo yokuba abe nombutho osemthethweni omela iimfuno zawo. Njengexalenye yenkqubo yokufakan' imilomo, indibano yesizwe yamaFama angama-Afrika yabanjwa eBloemfontein ngoDisemba 2010 yamkela umgaqo-siseko omtsha, isiseko nesicwangciso seminyaka emihlanu. Emva kwale ndibano, imibutho yesithili neyephondo yasekwa phakathi kwe-18 Januwari ne-5 Aprili 2011.

Iinkokeli zanyulwa ngedemokhrasi kumaphondo kusetyenziswa izalathiso zomgaqo-siseko ezamkelwa yiloo ndibano. Inyathelo lokugqibela laba yinkomfa yokuseka i-AFASA eyabanjelwa eBoksburg, eGauteng ngomhla we-10 ukuya kowe-12 kuAprili 2011, ekwathi kuyo amafama amkela igama elithi African Farmers' Association of South Africa (AFASA) kwakunye nomgaqo-siseko wokusekwa kwayo kwakunye neenkokeli ezinyuliweyo nezikazwelonke.

Umbutho wamafama angama-Afrika oMbutho waseMzantsi Afrika i-AFASA unenjongo yokufaka kushishino icandelo lolimo elisakhasayo nokuqinisekisa uthatho-nxaxheba oluyinzuzo kubantu abantsundu abakwicandelo eliyintloko loshishino lwamafama, ngenxa yoko kuqinisekiswa ukubakho ixesha elide kwecandelo lolimo loMzantsi Afrika.

Umbono

Ukuba namafama aphum' izandla naphumeleleyo ashishinayo eMzantsi Afrika.

Umsebenzi

Ukukhuthaza uphuhliso lwamafama angama-Afrika ukuze kwandiswe ukuthatha kwawo inxaxheba okuyinzuzo kwicandelo lolimo.

6.2 Iinjongo

- Ukuyila iqumrhu elimanyeneyo neliqhubekayo lamafama angama-Afrika akwaziyo ukuba nefuthe kwimigaqo-nkqubo ngokugaya inkxaso yamafama angama-Afrika;
- Ukukhuthaza uphuhliso nokuphumelela kwamafama angama-Afrika ukuze akwazi ukuba negalelo elilulutho kwiimarike ezicwangcisiweyo nezingacwangciswa; kwakunye
- Nokukhuthaza inkxaso eza kunceda amafama angama-Afrika.

6.3 Amaxabiso

I-AFASA njengawo nawuphi na omnye umbutho yingqokelela yabantu abadityaniswa yinjongo enye. Ngenxa yoko kubalulekile ukuba i-AFASA ixhase oko ikumelayo ukuze ikhuthaze loo milinganiselo ifanayo. I-AFASA izimisele kule milinganiselo ilandelayo:

- Ukuba ikhokelwe ngabantu abanomgangatho ophezulu wokuthembeka ukuze kuyilwe ukuthenjwa, ukunyaniseka nokuba nentembeko phakathi kwamalungu ayo nakuluntu ngokubanzi;
- Ukwenza izinto ngokuphandle nokulungela ukuphendula ngalo lonke ixesha;
- Ukugcina umgangatho ophezulu wokwenza izinto ngobugcisa ngamaxesha onke;
- Ukuhlonipha amalungelo, isithethe nesidima samalungu ayo, abaqeshwa noluntu kungakhathaliseki isini sabo, uhlanga, umgangatho, isizwe nonqulo okanye inkolelo;
- Ukuba ibe ngumbutho ojongene namafama;
- Ukuqinisekisa ukuba le ntlangano ihlala inyanisekile kuthumo neenjongo zayo; kwakunye
- Nokuzama ukuphuma phambili, kuquka inkonzo engenamagingxigxi kuwo onke amanqanaba

6.4 Iinkcukacha Zoqhagamshelwano

Umntu Ekunokhagamshelwana Naye: Mnu Ismail Motala,

I-imeyili: afasawcape@gmail.com



